


IMIBUZO NEEMPENDULO NGESITOFU SOKUGONYA I-COVID19



Izitofu zokugonya zisetyenziselwa ukuthintela izifo ezibangelwa ziintsholongwane ezifana nemasisi, uqilikwane okanye iqhwiqhwi – kwanakalokunje i-Covid 19.

- Isitofu singaluhlobo olungamathontsi owaginyayo okanye inaliti.
- Isitofu sisebenza ngokunceda umzimba uqaphele usuleleko okanye iintsholongwane, kunye nokufundisa umzimba iindlela zokulwa nosuleleko ongazange ubonane nalo ngaphambili.

Kutheni sisebenzisa izitofu?

- Izitofu zokugonya zithintela abantu bangafumani izigulo ezinokubabulala okanye zibashiye nezifo ezihlala emzimbeni ubomi bonke okanye ezinemiphumela emibi.
- Izitofu zinceda ngokumisa umda wokuxhathisa kusuleleko.


Izitofu zokugonya zithintela uqhambuko lwezifo ezinokunwenwa ngosulelwano lomntu nomntu. Izitofu zokugonya ziyinxalenye nesinokukwenza ukuthintela oobhubhane bezifo ezibangelwa ziintsholongwane.

eMzantsi Afrika, bonke abantwana bayatofwa – okanye bangxalwe okanye bagonywe – ukukhusela izifo eziliqela ezithintelekayo njengoqilikwane, ipoliyo, imasisi, imeninjayithisi okanye umhlaza wesibeheko.


Sithintele ukufa kwabantwana nabantu abadala abaninzi ngenxa yokuba baye batofelwa izifo ezinobungozi kubomi babo.



PEOPLE'S
COALITION



IMIBUZO NEEMPENDULO NGESITOFU SOKUGONYA I-COVID19



Yintoni inkqubo yomzimba?

- Inkqubo omzimba yindlela umzimba ozikhusela ngayo
- Inkqubo omzimba iqulathe iiseli ezilwa usuleleko okanye izifo kanye njengamajoni omzimba.

Xa ugula, unganobushushu. Le yindlela inkqubo yomzimba elwa ngayo usuleleko.


Inkqubo yomzimba ikhumbula usuleleko ukuze kwilixa elizayo ulufumana, ukwazi ukulwa nalo.




Kubanye abantu, inkqubo yomzimba ayomelelanga – njengabalupheleyo, abantwana, okanye abantu abaphila nezigulo ezinganyangekiyo.

Aba bantu bangadinga uncedo olungaphezulu ukulwa izigulo. Iizitofu zinceda kulento.





IMIBUZO NEEMPENDULO NGESITOFU SOKUGONYA I-COVID19



**Izitofu
zokugonywa
zisebenza
njani? Indima
yokuqala**

Ukuba umzimba wakho uthe wavuleleka kusuleleko olungaqhelekanga kuwo, umzimba wakho ungadinga uncedo ukuze uqonde indlela yokulwa nentsholongwane entsha. Apha ke kulapho izitofu zingena khona.

Izitofu zenzelwe ukulinganisa intsholongwane futhi ziqeqeshe umzimba wakho ngendlela yokuyoyisa.

Ukwenza istofu, oososayensi batshintsha intwana encinane yentsholongwane eyosulelayo bayenze ingasebenzi.

Xa lifakwe emzimbeni ngesitofu, liqeqesha umzimba ngendlela yokukhusela usuleleko olupheleleyo.

**Isuntswana
lentsholongwane
alikhwazi ukukugulisa -
lifundisa umzimba wakho
indlela yokuzikhusela.**

Izitofu ziqeqesha inkqubo yomzimba wakho ngendlela yokwenza izilwa-zifo ezikhethekileyo ezichasene entsholongwane leyo kanye. Ezi zilwa-zifo zii-proteni ezincinci ezibambelela kwintsholongwane ukuze iiseli ezingamajoni zibe nokuyibulala.

Izilwa-zifo zifana nemikhonto okanye izikhali ezisetyenziswa ngamajoni akho ukulwa nosuleleko.

